


IMIBONO KA WILLIAM BRANHAM

 Le teyiphu yenzelwe ubuKumkani bukaThixo, njengokuba ndiyinikezela kuMzalwana uLee Vayle ukwenzela umbhalo ngqangi. UMzalwana uVayle undicelile, apha kubukho boMzalwana uMercier, uku—ukunika eminye yemibono yangaphambili. Kakade, imibono apho njengoko...Ndi... eyokuqa-...Enye yezinto zokuqala endinokuzikhumbula, yimibono, isiza. Imibono iyeza ngalo lonke ixesha. Kodwa emveni kwenguquko yam kulapho ndicinga ukuba beninomdla khona, Mzalwana uVayle.

² Ke, ndikhumbula, emva kokuba ndimiselwe ebandleni, ibandla lamaBhaptizi, nguGqr. URoy Davis, apha eWatt Street eJeffersonville, apho ibandla lalikhona ngelo xesha. Ndikhumbula omnye umbono obalaseleyo, hayi ngaphaya kwiiveki ezimbalwa emva kokwam...malunga ne...Ndingathi, iintsuku ezimbalwa emveni kokumiselwa kwam. Ndandi... ndabona umbono wexhego elo elalilele esibhedlele, elo elalityunyuziwe. Lalingumntu ontsundu. Kwaye laphiliswa ngoko nangoko, kangangokuba, oko kwabangela ukudideka okukhulu. Kwaye laphakama laphuma emandlalweni laza lahamba.

³ Kwaye iintsuku ezimbini, malunga neentsuku ezimbini, emva koko, ndandinqamla iinkonzo, zeenkonzozingahlawulelwanga eNew Albany, amanzi, kunye nerhasi, kunye—kunye namatyala ombane. Kwaye ya...Ndandizaliswe luvuyo kakhulu! Ngalo lonke ixesha ndifumana indlu endala, ndandiye ndingene nje kwaye ndithandaze, uyazi, apho kungahlali mntu.

⁴ Kwaye ndikhumbula ndixelela uMnu. UJohnny Potts, lowo usaphilayo namhlanje. Usondele kakhulu, ndiyaqikelela, ukuya kumashumi asixhenxe okanye amashumi asibhozo eminyaka ubudala. Wayengumfundi wemitha endala. Kwaye babemsusile kufundo lwemitha ngoko, baza bambeka edesikeni, ukuba athabathe izikhalazo nezinto, njengokuba wawungena emnyangweni, kunye neminxeba yenkonzo. Kwaye ndandimxelela oko iNkosi yayindibonise kona. Kwaye wayekhe, kanye ngaxesha lithile, wachola iimitha ezimbalwa ezilahlekileyo ezo umntu oqhelekileyo angenakuze azifumane. Kwaye kule, wa—wayexela, indoda... .

⁵ Leyo, ndandiyibonile ephepheni, apho babenenqwelo endala...Ngaloo mihla, babeqhuba amahashe amabini, kwaye babechola inkunkuma kunye nokungcola, endleleni. Kwakukho ixhego lomntu ontsundu ogama linguMnu. Edward J. Merrell. Wayehlala e1020 Clark Street eNew Albany. Kwaye

wayetshayiswe ngabantu abamhlophe ababini, eyayiyintombi emhlophe kunye ne—kunye nenkwenkwe, bekhwele kwinqwelo mafutha. Kwaye walahlekelwa lulawulo lwenqwelo mafutha, kwaye yamtyumza evilini lwenqwelo. Kwaye yona nje yasuka yawaphula onke amathambo emzimbeni wakhe, phantse, kwaye bahamba kwinxenye yesifuba sakhe, ngakumbi. Babetha umqolo wakhe waphuma endaweni. Kwaye babembeke esibhedlele, embi kakhulu.

⁶ Kwaye uMnu. Potts, edlula e—esibhedlele saseNew Albany, wayelixelele oko malunga neNkosi esebenzisana nam. Kwaye landithumelela ukuba ndize, ndilithandazele. Kwaye kwangoko, ndacinga, “Leyo yile ndoda ndiyibonileyo kulo mbono.”

⁷ Ke, nda—ndandisoyika kancinci ukuya, kuba lowo yayingomnye weyam yokuqala, uyabona, ukuya ngolo hlobo. Ke, kodwa, nangona kunjalo, ndaya ndaza ndafumana umhlobo wam, lowo owayesandula ukuguqulwa, inkwenkwe encinci engumFrentshi egama linguGeorge DeArk. Kwaye ndandisandula ukuyikhokelela kuKristu. Kwaye senyuka. Kwaye ndathi, “Ngoku, Mzalwana uGeorge, ndi—ndi—ndifuna ukuba ukhumbule. Ezi zinto ezo zenzekayo kum, andinakuziqonda. Kodwa, ukhumbule, le ndoda iya kuphiliswa. Kwaye xana iphilisiwe, kukho. . . Andikwazi ukuyithandazela de kufike abantu ababini abamhlophe beme kwelinye icala lomandlalo, kuba kufuneka ndiyenze ngendlela leyo iboniswe ngayo kum.”

⁸ Kwaye ndangena e—esibhedlele kwaye ndacela uMnu. Merrell. Kwaye ndaya phaya, kwaye inkosikazi yayo yandixelela ukuba yayikwimeko embi kakhulu. Kwaye yayingakwazi ukushukuma ngenxa yokuba ii-x-reyi yayibonise ukuba amanye ala mathambo ayehleli kanye ngasemiphungeni. Kwaye ukuba iyashukuma, ngokuba, ibinoku, gqobhoza imiphunga yayo kwaye ibiya kopha ide ife. Kwaye yayimbi kakhulu. Kwaye yayisopha kancinci emqaleni wayo, na njalo njalo, ngokuba yayisopha ngasemlonyeni. Yayisele ilele phaya malunga neentsuku ezimbini. Kwaye indoda yayi, ngelo xesha, imalunga namashumi amathandathu anesihlanu eminyaka ubudala, ndicinga njalo, amashumi amathandathu okanye amashumi amathandathu anesihlanu. Indoda endala; iindevu zayo, zinde, zaziijike zamhlophe. Kwaye iinwele zayo zazingwevu.

⁹ Kwaye ndangena ndaza ndaxelela le ndoda, nangona, umbono ebendiwubonile uvela eNkosini. Kwaye kwangena abantu abaselula, abo ababemtshayisile. Kwaye ndaguqa phantsi ukuba ndiyithandazele. Kwaye ngeqbuliso, le ndoda yasuka yakhwaza, isithi, “Ndiphilile,” yaza yaxhumela phezulu. Kwaye inkosikazi yayo, izama ukuyibuyisela, emandlalweni. Kwaye omnye wabasebenzi weza, ezama ukuyibamba emandlalweni. Kwaye yatsiba yaphuma emandlalweni,

yabangela uchulumanco olukhulu. Kwaye xana ndisiya kwi. . . Ndathi kuMzalwana uGeorge. . .

¹⁰ Kwaye ngoko omnye wabongikazi, yayisisibhedlele samaKatolika, wangena kwaye wathi kuyakufuneka ukuba ndiphume phaya, ke ukwenza loo ndoda ibe nemincili. Kuba, yayinomkhuhlane, malunga nekhulu elinesine. Kwaye into engaqhelekanga, xana bayibuyisela phakathi; u—umpristi, indawo, kunye noogqirha abathile babeyibekile, bayinyanzela ukuba ibuyele emandlalweni, kuba yayinxiba iimpahla zayo. Kwaye xana bethabatha iqondo layo lobushushu, yayingenaqondo labushushu.

¹¹ Ngoku, kukho abantu abaninzi abaphilayo namhlanje, abo abawubonayo umbono, abawubonayo usenzeka, okanye abaziyo malunga nawo.

¹² Kwaye ndaphuma ndaya kuma kwizinyuko, ndaza ndathi kuMzalwana uGeorge, “Ngoku, ukhangele. Iya kube inxibe idyasi entsundu kunye nomnqwazi olukhuni wamadoda. Iya kube ihamba isihla kanye kwezi zinyuko, emizuzwini nje embalwa.” Kwaye eneneni yakwenza oko. Yaphuma kanye yaza yehla.

¹³ Kwaye malunga no—no—nobusuku emva koko, iNkosi yabonakala kum kwakhona, ngenye intsasa, nje malunga nokungena kwemini, yaza yandibonisa umfazi osisiqhwala ngokoyikekayo kakhulu, lowo owayeya kuphiliswa. Ke ndathi, “Ke, ndiya—ndiya mhlawumbi ndiya kumfumanisa apho akhoyo.”

¹⁴ Kwaye ke ndehla ndaza ndavala amanzi athile, ukuya phezulu, ndiyakholwa ukuba yayinjalo, malunga ne-Eighth Street eNew Albany. Kwaye ndandine. . . Yayiyindlu eyahlukene kabini, kwaye ndandinoloyiko lokuba ndivale macala omabini. Elinye icala, abantu babephumile kulo; kwaye elinye icala, abantu babekho phaya. Ke ndaya ngaphaya kwicala elo elalina—nabantu, elihlalwayo. Kwaye ndankqonkqoza emnyango. Kwaye babe nga—nga—ngabantu abangamahlempu ngenene. Kwaye enomtsalane ngolona hlobo, intombazana eselula yeza emnyango, gxebe inxibe ngokuhlelelekileyo. Kwaye ya—yathi, “Yintoni ubuyifuna?”

Ndathi, “Ubungavavanya amanzi na, ukubona ukuba avaliwe na?”

¹⁵ Kwaye yathi, “Ewe, mhlekazi.” Yaza yahamba. Yathi, “Hayi. Amanzi asavuliwe.”

Ndathi, “Enkosi.”

¹⁶ Kwaye umama wayo, elele emandlalweni, igama lakhe lalinguNksk. UMary Der Ohanian. Kwaye wayengum-Armenian. Inkwenkwe yakhe yayidlala ngasemva, ndiyakholwa yayi, kweyase-New Albany ibheysi-. . . , uh, iqela lebhola

ekhatywayo. Kwaye yena, intombi yakhe, yayikwisikolo samabanga aphakamileyo. Igama layo lalinguDorothy. Kwaye yathi. . .uDorothy wathi kum, “Awuyiyo laa ndoda yakwaThixo leyo ibi nalaa mpiliso apha esibhedlele, ngenye imini? Umama wam unqwenela ukuthetha nawe.” Ndaza ndangena ngaphakathi.

¹⁷ Kwaye wandixelela ukuba wayelele, esisiqhwala. Kwaye wayesisiqhwala, emandlalweni, iminyaka elishumi elinesixhenxe, ukususela yazalwayo le ntombazana. Kwaye ke intombazana yayineminyaka elishumi elinesixhenxe ubudala. Kwaye ke ndamxelela ukuba. . .Wathi, “Ingaba uyilaa ndoda yakwaThixo leyo eyaphilisa laa ndoda?”

¹⁸ Ndathi, “Hayi, nkosazana. Andinguye umphilisi. Mna nje—nje ndathandazela nje i—indoda egulayo, kwaye ndandiboniswe Yinto ethile leyo eyandixelelayo.” Ndandingazi ukuba mandiwubize ngantoni; umbono, okanye intoni. Ndandingazi ukuba wawuyintoni, okwangoku. Ndandiyinkwenkwe nje, ndingatshatanga nayo yonke into. Kwaye ke kwakukho e. . . Eli—eli nenekazi elandicela umthandazo, ngenxa yalo. Kwaye ndalixelela, “Makhe ndithandaze, kuqala, kwaye ngoko ukuba iNkosi indibonisile ukuba ndibuye.”

¹⁹ Kwaye ngoko xana ndaphumayo ukuya kuthandaza. . . Ndafumana uMzalwana uGeorge. Ndaza ndathi, “Loo ngulaa mfazi lowo ebendi—ebendikuxelele ukuba bendikhe ndathandaza ngaye. Ndiyazi ukuba ikwa ngulaa mfazi mnye. Hamba nam.”

²⁰ Kwaye senyuka saya phaya ukwe—ukwenza umthandazo. Kwaye ke le ntombazana incinci ineminyaka elishumi elinesixhenxe ubudala, kakade, mna ndiyinkwenkwe nje eselula. Kwaye yayinomntakwayo, omalunga nemithandathu, esibhozo iminyaka ubudala, into ethile elolo hlobo. Kwaye kwakukho umthi weKrisimesi, kwakusemva kweKrisimesi kanye, umi endlwini. Kwaye bajikela emva kwalo mthi weKrisimesi, ukuba bandihleke. “Ukwenza umama wabo aphile.” Ndamxelela ukuba iNkosi yayiya kumphilisa. Kwaye mna. . .Umzalwana uGeorge kunye nam sehlela phantsi ukuba sithandaze.

²¹ Kwaye xana ndaqalisayo ukuthandaza, ke, laa Ngelosi leyo ndiyibonayo, Leyo eniyibonayo emfanekisweni, Ndayibona Ijinga phezu komandlalo. Ke, ndasondela ndabamba isandla sakhe. Ndathi, “Nksk. U-Ohanian.” Ngoku, uphila eNew Albany kanye ngoku, yena nomyeni wakhe, usapho. Kwaye ndathi, “Nksk. U-Ohanian. INkosi uYesu indithumile, yaza yandixelela ngaphambi kokuba ndize, ukuba, ukuba ndikuthandazele, kwaye ‘ubuya kuphiliswa.’ Phakama ume ngeenyawo zakho, uze uphiliswe, eGameni likaYesu.” Imilenze yakhe yatsalwa yanyuka phantsi kwakhe. Yena, eneBhayibhile yakhe yesi-Armenian

phezu kwentliziyo yakhe, waqalisa ukuhamba ebhekise ecaleni lomandlalo. Kwaye njengoko wayesenza oko, yena . . .

²² Ngoko uSathana wathetha kum, wathi, “Umvumela ukuba abethe kuloo mgangatho, uya kuzaphula intamo, esuka kuloo mandlalo uphakamileyo.” Ndandisoyika okomzuzwana.

²³ Kwaye ndandisoloko ndisazi ukuba loo mibono, ndandingayazi ukuba yayiyintoni na ngoko, yayindixelele ukuba yayisoloko inyanisile. Ke ndaqhubela phambili, nakanjani na, ndamyeka wehla emandlalweni. Kwaye uThixo ekubeni elingqina lam, wathi nje wakuba eqalisile, waxhuma ukusuka kuloo mandlalo, yomibini imilenze yoluleka. Intombi yakhe yakhwaza, itsala iinwele zayo, yaza yabalekela esitratweni, ikhwaza kakhulu kangangoko inako. Abamelwane beza bevela kuyo yonke indawo. Kwaye nanko apho wayekho, okokuqala eshumini elinesixhenxe leminyaka, ehamba ejikeleza kweloo gumbi, edumisa uThixo. Ndemka, kwangoko, ukuba ndisuke koko.

²⁴ Kamva, ndaqhelana nale ntombazana iselula, ndaza ndahamba nayo. Kakade, oku akufunekanga ukuba kube kwirekhodi, kodwa ndahamba nale ntombazana iselula.

²⁵ Kungekudala emva koko, iiveki ezimbalwa, ndandisendlwini kamama wam, ngolunye urhatya. Kwaye ndandithandaza, ngaloo mini, kwaye nda—ndabonakala nje ngokulula ndingakwazi ukugqobhozela, ukuya ku—ukuya ku—kuloyiso emthandazweni wam. Kwaye ndacinga, ndiya kuhlala nje bonke . . . uyazi, ndaqhubeka ndaya kumandlalo. Ndandihleli ekhaya, ngeloo xesha. Kwaye ke ndangena e—egumbini, uku—ukuya kuthandaza. Kwaye nda . . . kwakumalunga nentsimbi yokuqala entloko ngentsasa, ndiyaqikelela. Kwaye nda—ndathandaza.

²⁶ Kwaye, konke ngaxeshanye, ndakhangela. Kwaye, umama, wayedla ngokuthabatha iimpahla zakhe, azifumbe nje esitulweni, uyazi. Sasingabantu abangamahlwempu ngokwenene. Kwaye ndakhangela, Into ethile emhlophe isiza kum, ndaza ndacinga ukuba ndandikhangele kweso situlo seempahla. Kodwa Yayi yiloo Ngelosi yeNkosi, elaa—elaa Lifu, uyazi. Laza Leza ngapha kulondawo apho ndandikhona.

²⁷ Kwaye nda—kwaye ndandimi egumbini, kancinci, lonto esiyibiza ngokuba yi “ndlu” yompu, encinci, indlu ethe tye, kungamagumbi amabini kuyo. Kwaye yayineziqobo ezibomvu zokuxhasa igumbi phezulu apha ecaleni, uyabona. Kwakukho ibhedi encinci yentsimbi kwicala lam lasekunene. Kwakukho umfazi onentloko emnyama owayemi nxamnye ne . . . Elinye igumbi laliphumela ekhitshini. Wayemi nxamnye naloo mnyango wasekhitshini, elila. Kwakukho utata othile emi ngakum, kwaye endizisele usana, ukuba into ethile yayihleli esifubeni salo esincinci. Kwaye omnye, umlenze walo wasekhohlo,

wawujijekile wonke, wade wabe wawuhleli ngokuchasene nomzimba walo omncinci. Kwaye umlenze wasekunene, uhamba ngokubhidana. Ingalo zombini zijijekile, kananjalo, nxamnye nomzimba walo. Kwaye umzimba walo omncinci wawujijekile kwaye ulimele ukunyuka kude kube kanye *apha* entanyeni yalo. Kwaye ndazibuza, “Ukuba kuthetha ntoni oku?” Kwaye ndakhangela, kuhleli phantsi ngasekhohlo kwam, kwaye phaya kuhleli ixhegokazi, likhupha iindondo zalo, lizosula kwiinyembezi okanye into ethile kwiindondo zalo. Ekunene kwam, kwisihlalo esisongwayo esibomvu, esasihambelana nesitulo, kuhleli eselula, enentloko egwangqa eneenwele eziphotheneyo inkwenkwe, ikhangele phandle ngefestile.

²⁸ Kwaye ndakhangela, kumi ngaphaya ngasekunene kwam, kwaye kwakumi ngaphakathi. . . loo Ngelosi yeNkosi. Kwaye Yathi kum, “Ingaba olu sana lungaphila na?”

Kwaye ndathi, “Mhlekaazi, andazi.”

Yathi, “Beka izandla zakho zinqumleze kulo. Luya kuphila.”

²⁹ Kwaye nda—ndakwenza oko. Lwaza usana lwatsibela phantsi, lusuka lu. . . luphuma ezingalweni zikayise. Kwaye omncinci, umlenze wasekunene woluleka, kwaye icala lasekunene loluleka, ingalo yasekunene yoluleka. Lenza elinye inyathelo, laza nelinye icala lingajijekanga. Lenza elinye inyathelo, kwaye nelinye icala lingajijekanga, umzimba, inxalenye esebindini ingajijekanga. Lwaza lwabeka izandla zalo ezincinci kwezam, lwathi, “Mzalwana uBranham, ndiphile ngokugqibeleleyo.” Usana oluncinane lwalunxibe ii-khovaloli zekhodro eziluhlaza, okanye ii-ovaloli, ezincinci ii-ovaloli zamasana. Kwaye wayeneenwele ezimdaka, kunye nomncinci, intwana, yomlomo omncinci.

³⁰ Kwaye ngoko iNgelosi yeNkosi yandixelela ukuba Yayindisa ndaweni ithile iyenye. Kwaye ndathatyathelwa kude nakude. Kwaye Yandihlalisa phantsi ngasecaleni kwendawo yamangcwaba amadala, kwaye yandibonisa amanani kwilitye lengcwaba, kufutshane nendlu yenkonzo. Kwaye Yathi, “Le iya kuba yindawo yakho yokwalathisa.”

³¹ Yandithwalela kwenye indawo. Kwaye kwakukho i. . . kwakukhangeleka ngokungathi yayiyidolophu encinci, emalunga neevenkile ezimbini kuyo. Kwaye enye yayinomphambili olubhelu, inendawo yokukhwela elubhelu ezindongeni. Kwaye ndenyukela phezulu phaya, okanye ndema phaya. Kwaye kwabakho ixhego elaphumayo, linxibe ibhatyi eluhlaza yekhodroyi, okanye ibhatyi yedangara kunye ne-ovaloli eluhlaza, nekepusi yekhodroyi elubhelu. Lalinenkulu, emhlophe indevu.

Yathi, “Liya kukubonisa indlela.”

³² Kwaye kwixesha elilandelayo xana ndifikayo, ndabona ndandingena egumbini, ndilandela gxebe umfazi oselula

onomzimba omkhulu. Kwaye njengokuba ndandingena emnyango, imifanekiso esephepheni eludongeni yayibomvu. Phezulu ngentla komnyango yayinomqondiso, “Thixo sikelela ikhaya lethu.” Kukho enkulu, endala, yobhedu ibhedi ihleli kwicala lam lasekunene. Kwaye isitofu serhasi sibekwe ngasekhohlo. Kwaye ngaphaya ekoneni, kwakulele intombazana emalunga neshumi elinesihlanu leminyaka ubudala. Kwaye yayinepoliyo okanye into ethile, leyo eyayitsalele umlenze wayo wasekunene yawunyusela phezulu. Lwaza unyawo lwayo lwajikela ecaleni, kwaye lwatsaleka phantsi kwayo. Kwaye yayi—kwaye yayikhangeleka njengenkwenkwe. Kuphela, yayineenwele njengentombazana, kwaye yayi ne—nemilebe ebumbeke okwentliziyo njengentombazana.

Kwaye Yathi kum, “Ingaba loo ntombazana ingahamba?”

Kwaye ndathi, “Mhlekaazi, andazi.”

³³ Yathi, “Hamba ubeke izandla zakho ukunqumleza esiswini sayo.” Ngoko ndandicinga ukuba yayiyinkwenkwe, ngokuqinisekileyo ngokwaneleyo, ngokuba Yona yandivumela ukuba ndibeke izandla zam zinqumleze esiswini sayo. Ndenza njengoko Yandixelelayo.

³⁴ Kwaye ndeva umntu othile esithi, “Mayibongwe iNkosi.” Ndaza ndakhangela phezulu. Kwaye xana ndakwenzayo oko, le ntombazana yayiphakama. Kwaye xana yaphakamayo, iimpahla zokulala eyayizinxibile, umlenze wayo wempahla yokulala wenyukela phezulu, kwaye yabonisa idolo elingqukuva njengedolo lentombazana kwaye lingenamaqhina, uyazi, njengedolo lenkwenkwe. Kwaye ndazi ukuba yayiyintombazana. Kwaye yayinxibe iimpahla zayo zokulala. Kwaye yeza, isiza kum, ikama iinwele zayo. Igwangqa, ikama iinwele zayo.

³⁵ Intombazana iphila eSalem, namhlanje, itshatile, kwaye inabantwana abathathu okanye abane. Kwaye unina noyise basephaya, nangoku.

³⁶ Kwaye ke ndi—ndi—ndiza kwi. Kwaye ndandisiva umntu othile esithi, “Mzalwana uBranham...” Okanye, “Mzalwana uBill! Owu, Mzalwana uBill!” Kwaye umama wam waye ndibiza. Kwaye ndacinga. Ndiya kuva elinye, ngenye indlela. Liphuma kuloo mbono, uyazi, luluhlobo oludiniweyo. Kwaye ndathi, “Ufuna ntoni, mama?” Kwigumbi elilandelayo, apho wayelele khona.

Kwaye wathi, “Kukho umntu othile onkqonkqozayo emnyangweni wakho.”

³⁷ Kwaye ndaliva, “Mzalwana uBill!” Ndaza ndavula ucango. Kwabakho indoda eyangenayo. Igama layo yayinguJohn Emil. Iphila eMiami, eFlorida, ngoku. Kwaye yathi, “Mzalwana uBill, awundikhumbuli.”

Ndathi, “Hayi. Andikholwa ukuba ndenza njalo.”

38 Yathi, “Wandibhaptiza kunye nosapho lwam. Kodwa,” wathi, “Ndathabatha indlela leyo engalunganga.” Yathi, “Ndabulala indoda, apha kwixesha elithile elidlulileyo. Ndayibetha ngenqindi lam, ndaza ndayaphula intamo, emlweni.” Yathi, “Ndilahlekelwe yenye yamakhwenkwe am amancinci, oyena mdala.” Kwaye yathi, “Oyena mncinane ulele ekhaya, uyafa ngoku.” Kwaye yathi, “UGqirha wasesixekweni apha wasuka nje wemka, wathi, ‘Umntwana unenyumoniya ephindiweyo.’ Kwaye kunzima nje ukuba afumane ukuphefumla kwakhe.” Kwaye yathi, “Ndi—ndi—ndi—ndiye nje. . . Uyeweza entliziyweni yam. Kwaye ndiyazibuza ukuba uyakuza na kwaye ube nomthandazo kunye nayo.” Kwaye yathi, “Ngoku, njengoko usazi, ndingumzala kaGraham Snelling.” Ntoleyo, uGraham Snelling, uMfundisi. UGraham Snelling ngoku, waye ngekabi ngumlungiseleli ngeloo xesha; inkwenkwe elungileyo yomKristu. Yathi, “Ungumzala wam. Ndiya kuhla ndiye kumthabatha.” Lowo uhlala malunga nesiqingatha semayile ukusuka kum, ezantsi esixekweni. Kwaye yathi, “Ndiya kuhla ndiye kumthabatha. Kwaye ingaba uya kunyuka na?”

Ndathi, “Ewe, Mnu. Emil, ngokukhawuleza nje ndakuba ndinxibe iimpahla zam.”

Kwaye ke yathi, “Ndiya kuthabatha inqwelo mafutha yam, ndikunyuse.”

Ndathi, “Kulungile.”

39 Yathi, “Ngokukhawuleza nje ndakuba ndifumene uGraham. Kwaye ndifuna ukuba nina nonke nithandazele usana.”

Ndathi, “Kulungile.”

40 Ke ngoko ndahamba ndaya kuzilungiselela. Kwaye umama wathi, “Bekuyintoni ingxaki?”

Ndathi, “Kukho usana oluncinci oluya kuphiliswa.”

Kwaye ke wathi, “Eliyakuphiliswa?”

Kwaye ndathi, “Ewe, mama.”

Kwaye ke ndathi, “Ndiya kukuxelela ngakumbi malunga nalo xana ndibuyayo.”

41 Ke kwimizuzwana nje embalwa, yankqonkqoza emnyango, kwaye uMzalwana uGraham wayekunye nayo. Sasinyuka sisiya apha, ngalonto esiyazi njengendawo yesikhephe ngoku, eyayiyiHoward Shipyard endala ngelo xesha. Ndathi, “Mnu. Emil, ingaba u. . . Uhlala phi ngoku?”

Wathi, “Ngentla kwase-Utica.”

42 Ndathi, “Uhlala kwencinci, lonto esiyibiza ‘ngendlu’ yompu, amagumbi amabini amancinci.”

“Ewe, mhlekazi.”

“Ehleli endulini.”

“Ewe, mhlekazi,” wathi.

43 Ndathi, “Elakho—elakho iplanga lomazantsi wodonga apha lwenziwe ngamaplanga adityanisiweyo, kwaye lupeyintwe ngokubomvu.”

Yathi, “Kunjalo oko.”

44 Ndathi, “Usana oluncinci lulele kwibhedi yentsimbi encinci. Kwaye lunazo endlwini, ubuncinane, iperi yee-ovaloli zekhodroyi eziluhlaza.”

Yathi, “Luzinxibile.”

45 Kwaye ndathi, “Kwaye usana lungumfo omncinci, omalunga neminyaka emithathu ubudala. Kwaye lunomlomo oyintwana encinci, imilebe emincinci ebhityileyo. Kwaye luneenwele ezintsundu ngokulula.”

Yathi, “Leyo yinyaniso.”

46 Ndathi, “UNksk. U-Emil ngumfazi onentloko emnyama. Kwaye kweli gumbi, ninesongwayo ebomvu kunye nesitulo esibomvu.”

Yathi, “Ingaba wakha waba phaya, Mzalwana uBranham?”

Ndathi, “Nje kwithutyana elidlulileyo.”

“Kwithutyana elidlulileyo?” yatsho.

Ndathi, “Ewe.”

“Ngokuba,” yathi, “Andizange ndikubone.”

47 Ndathi, “Hayi. Yayingokomoya.” Ndathi, “Mnu. Emil, wandiva ndibalisa, xana ndandikubhaptiza, ngezinto ezo ezenzekayo kum. Oko kunokuba . . . Ndibona izinto ngaphambi kokuba zenzeke.”

48 Yathi, “Ewe. Ingaba kukho into ethile elolo hlobo leyo yenzekayo kuwe, Mzalwana uBranham?”

49 Ndathi, “Ewe. Kwaye uMnu. Emil, nokuba yayiYintoni na leyo eyandixelelayo, ayizange indixelele ubuxoki. Usana lwakho luyakuphila xana ndifikayo phaya.”

50 Kwaye yamisa inqwelo mafutha, yawela phezu kwevili, yathi, “Thixo, yiba nenceba kum. Ndibuyisele umva, Owu Nkosi.” Yabona? “Kwaye ndiyaKuthembisa, ukuKuphilela, yonke imihla yam, ukuba Uyakubucongama ubomi bosana lwam.” Kwaye phaya yayinikela intliziyo yayo kuKristu. Sayakungena endlwini, sonke sinemincili ngayo, ekubeni umphefumlo ubuyiselwe kuKristu.

51 Xana sa—xana sangenayo endlwini, kwakubekwe yonke into nje kanye ngendlela eyayiyiyo, kuphela yayilixhegokazi elalingekho phaya. Ndinemincili, ndinemincili kakhulu, ndathi, “Ndizisele usana.” Kwaye usana nje luphila nzima. Yabona? Lona “lwaluphela,” ubomi babuphumile kusana. Lwalujijelwe nje ukuma *apha*, emqalani walo omncinci. Kwaye ndathi,

“Ndiziseleni usana.” Ndingawulindanga umbono ukuba uzaliseke.

⁵² Mzalwana uVayle, ukuba le phedi bekufanele ukuba ibekwe *apha*, andiyi kuthetha nagama ide laa phedi ibekwe phaya. Yabona? Imelwe kukuba kanye nje ngendlela Eyandibonisa ngayo.

⁵³ Ke ndathi, “Ndiziseleni usana.” Waza utata wazisa usana kum, kwaye ndaluthandazela, lwaza lwaba lubi kakhulu. Ke ndacinga, “Ngoku into ethile...” Lwalahlekelwa ngumphefumlo walo ngenene, kwaye kwafuneka ukuba bawulwe kwaye balushukumise, nayo yonke into, babuyisele umphefumlo kulo. Ndacinga, “Ngoku, kukho into engalunganga.”

⁵⁴ Kwaye kwenzeka ndacinga, “Liphi ixhegokazi?” Elo elalingekabikho ngoko.

⁵⁵ Ke baluthabatha usana, balubeka phantsi. Babefaka izinto phantsi kwempumlo yalo, yonke into, kwaye belila. Umama ekhwaza, ngokungalawulekiyo, nayo yonke into. Kodwa usana nje kwaku—nje kwakunzima ukuphefumla.

⁵⁶ Ndacinga, “Ke, ngobam—ngobam ubudenge, Ndiwusebenzise ngokuphosakeleyo umbono kaThixo, kuba andizange ndilinde kuWo, ekubeni bendinemicili kakhulu.”

⁵⁷ Ngako oku, usenokubona, Mzalwana uVayle, kutheni ndilinda. Andikhathali nokuba ngubani na ondixelelayo. Ndiyakuthanda njengomzalwana wam. Mzalwana, ungakhe uzame, ukundixelela into ethile emandiyenze, xana ndi—xana ndiziva ukuba ndi—ndifumene intando yeNkosi. Yabona? Kungenamsebenzi nokuba ikhangeleka ilunge kangakanani na ngenye indlela, ndiyakuMlinda. Yabona? Kwaye—kwaye ke nda—ndafunda isifundo kanye apha, kwemininzi, kwemininzi, kwemininzi iminyaka eyadlulayo; kwaye ukwenza kanye oko Akuthethayo, kwaye musa ukukwenza ade Athi sele kulungele ukuba kungenziwa.

⁵⁸ Usana lwalulwela umphefumlo. Ngoku, ndandingakwazi ukubaxelela lonto endandiyenzile, kodwa kwafuneka nje ukuba ndilinde. Ndacinga, “Mhlawumbi ubabalo luyakongamela, kwaye Andixolele.” Ke, ndahamba, ndahlala phantsi.

⁵⁹ Balwela ubomi bosana kwade kwase kuphumeni kwelanga. Xana ilanga liqalisa ukuphuma, babecinga nje ukuba usana luya kuhamba nangawuphi na umzuzu. Ke, ndahlala phaya. Kwaye baqhubeka bendibuza, “Mzalwana uBranham, yintoni ekufuneka siyenzile?” Okanye, “Mzalwana uBill,” babendibiza njalo, “yintoni emandiyenze?”

⁶⁰ Ndathi, “Andazi.” Yabona? Ndahhlala phaya, intloko yam ndiyi thobile, ndisithi, “Nkosi, ndiyacela ndixolele.”

61 Ke, kwaye ngoko kwaphuma ilanga. UMzalwana uGraham Snelling kwafuneka ukuba aye emsebenzini. Ke uMnu. Emil kwafuneka ukuba amthabathe, kwaye ndandisazi ukuba kuyakufuneka ndimke endlwini.

62 Kwaye, nangoko, uMzalwana uGraham wayefanele ukuba abe uhleli phaya, kuba uneenwele eziqwangqa, eziphotheneyo, njengokuba nisazi. Wayefanele ukuba abe uhleli kule sofa esongwayo. Ngoko ndandihleli phaya apho uMzalwana uGraham wayefanele ukuba uhleli khona, kodwa ixhegokazi lalingekho phaya. Kwaye akukho xhegokazi endaweni. Ke ndahlala phaya. Kwaye ke uMnu. U-Emil wanxiba idyasi yakhe.

63 Ngoko ndazi, ukuba uMzalwana uGraham uhambile, kunzima ukuxela ukuba uya kubuya nini na. Yabona? Kwaye ngoko ndazi, nokuba nkqu umfazi uthe wafika, ngoko uMzalwana uGraham uyakube engekho. Ke uyabona ukuba lolunjani uhlobo lwemeko endandikuyo.

64 Kwaye ke uMnu. Emil wathi, “Mzalwana uBranham, ingaba uyafuna ukuhamba?” Okanye, “Mzalwana uBill, ufuna ukuya ekhaya? Ufuna ndikuthabathe ndikuse ezantsi ekhaya?”

65 Ndathi, “Hayi, mhlekazi. Ndiyakulinda nje, ukuba awunangxaki.” Ndandikuthiyile ukuhlala phaya endlwini, nje usana nomama, nam, kuba babengabantu abaselula. Bona, yena, wayemalunga namashumi amabini anesihlanu eminyaka ubudala, ndicinga njalo. Kwaye ndandimalunga nobo budala bunye. Kwaye ndathi, “Hayi. Nje ndiya—nje ndiyakulinda, ukuba awunangxaki.”

Wathi, “Kulungile, mzalwana, Mzalwana uBill.”

66 Kwaye ke umama ehamba emgangathweni, engalawuleki, kwaye ezama uku . . . lila nayo yonke into, uyazi. Kwaye usana nje lubi kakhulu. Yabona? Nje lukhangeleka ngokungathi, nangawuphi na umzuzu, nje luluhlobo lokubamba uphefumlo walo, ngolo *hlobo*, luhamba, *lubamba*, *lubamba*, leyo yayikukuphela kwento ekhoyo, umphefumlo, wawukulo. Kwaye kungekho nto . . . Babengenayo ipenicillini nezinto, ngaloo mihla, uyabona. Ke nje babe babeka—babe babeka nje iiplasta kubo, nezinto ezilolo hlobo. Kodwa usana oluncinane lwalunazo iintsuku ezininzi. Kwaye zaziphelile, yabona, okanye zihambile.

67 Kwaye, ngoko, nda—ndahlala phantsi phaya. Ndacinga, “Bethu, ukuba uGraham uyahamba . . .” UGraham wanxiba idyasi yakhe, waza waqalisa ukuphuma ngomnyango.

68 Kwaye wathi kunkosikazi wakhe, wathi, “Ngoku, siyakubuya, nje emzuzwini.”

69 Ndacinga, “Owu Thixo, ngoko kuya kufuneka ndihlale apha imini yonke, kwaye mhlawumbi ubusuku bonke, kwakhona, yabona, ndilindele loo mbono. Yintoni endinokuyenza?”

⁷⁰ Kwaye ndakhangela ngaphandle ngefestile. Kwaye kusiza ngaphaya kwendlu, kweza umakhulu wosana phaya. Kwaye, ke, ndiye ndafunda kamva, ukuba yayingumakhulu. Kwaye wayenxibe iindondo. Ndacinga, “Lo nguwo, Nkosi, ukuba—ukuba uGraham akaphumi ngomnyango.” Ke, yena wayesoloko esiza kumnyango wangaphambili. Kodwa, ngandlela ithile, abazange nkqu bazi, kude kube ngoku, kodwa waya emnyangweni ongasemva, wangena ekhitshini. Kwaye wahamba ekhitshini, kwencinci, indlu yakudala. Kwaye njengokuba wayengena emnyango, intombi yakhe yabaleka ngaphaya yaza yamanga, kuba yayingumama wentombi, uyazi, yaza yamanga. Kwaye uMzalwana uGraham. . .

Emva koko wathi, “Ingaba usana lungcono?”

⁷¹ Yathi, “Mama, luyafa.” Yaze yaqalisa ukukhwaza ngolo hlobo, nonina elila.

⁷² Ngoko ndacinga, “Ukuba oku nje kuya kusebenza, ngoku, ukuba uGraham akaphumi.”

⁷³ Kwaye ndaphakama. Kwaye andizange ndithethe kwanto, uyabona, nje ndalinda. Kwaye uMzalwana uGraham wajikela. Ndaye ndaphakama ukuze ahlale phantsi. Kwaye yena. . . Kwaye abo yayingabanye bezihlobo zakhe, uyabona, ke waqalisa nje ukulila, naye, waza wahlala phantsi kwisofa esongwayo apho bekufanele ukuba uhleli khona.

⁷⁴ Ndacinga, “Ngoku, ukuba elaa xhegokazi lingeza nje ngapha lize lhlale phantsi kwesi situlo sibomvu!” Kwaye ndabuyela emve emnyango apho uMnu. Emil wayemi khona, enxibe idyasi yakhe, kwaye elungele ukuphuma. Kwimozulu ebandayo ngenene, uqhwithela lwekhephu olubandayo. Kwaye ndacinga. . . Kwaye ixhegokazi lhlale phantsi kwesi situlo.

⁷⁵ Kwaye uGraham ahlale phantsi, aze atshonise intloko yakhe phantsi. Kwaye umama wosana, abeke isandla sakhe ecangweni, aze aqalise ukulila. Nje ngokuchanekileyo umbono! Kwaye inenekazi elidala lahlala phantsi. Kwaye endaweni yokuba kube zinyembezi, ngokupheleleyo, kwiindondo zalo; lisuka ekubandeni, kwakuzenze zaba nenkungu. Kwaye lafaka isandla salo kwityesi yalo encinci laza lakhupha itshefu encinci, kwaye, okanye ingxowana encinci, laza laqalisa ukusula ezi ndondo. [UMzalwana uBranham uqhwa kwakrazisa iminwe yakhe—Mhl.] Mzalwana, lowo yayinguwo.

⁷⁶ Ndathi kuMnu. Emil. Ndathi, “Mnu. Emil, usenentembelo kum njengomkhonzi kaKristu?”

Wathi, “Ndenza njalo ngokuqinisekileyo, Mzalwana uBranham.”

⁷⁷ Ndathi, “Ndinganixelela ngoku. Ndithethe ngaphambi kombono, kwixesha elidlulileyo, yiloo nto kungazange kwenzeka. Ukuba usenentembelo kum, hamba undizisele

usana lwakho.” Owu, bethu! Ndawubona ukuba wawulungile, ngoko, uyabona. “Hamba, undizisele usana lwakho.”

⁷⁸ Wathi, “Ndiyakwenza nantoni na ondixelela yona ukuba ndiyenzi, Mzalwana uBill. Andisoze ndoyike ukuluphakamisa.” Kuba, baluthabatha baluphakamisa, wasuka wahamba, uphefumlo walushiya ngokupheleleyo. Baluzisa usana oluncinci kum. Waluthabathela ezingalweni zakhe, waluzisa kum, waza wema phaya.

⁷⁹ Ndabeka isandla sam kulo, ndathi, “Nkosi, buxolele ubudenge bomkhonzi Wakho. Yabona? Ndiye ndathetha ngaphambi kombono Wakho. Kodwa ngoku makhe kwazeke ukuba Wena unguThixo wamazulu nomhlaba.”

⁸⁰ Akubanga ngaphezu kokuba, ndithethe oko, usana oluncinci lwaphosa iingalo zozibini zajikela kuyise, lwaqalisa ukukhwaza nokulila, lusithi, “Tata, ndiziva kakuhle ngoku.” Yabona?

⁸¹ Ndathi, “Mnu. Emil, luyeke usana oluncinci lodwa. Kuyakuba zintsuku ezintathu ngaphambi kokuba kulushiye, kuba kuyekwenza amanyathelo amathathu, ukukhulula.”

⁸² Ndaya ekhaya, ndaza ndakuxela oko ebandleni lam. Ndathi, “ndiyabuyela.” Lowo yayinguMvulo. Ndathi, “NgoLwesithathu ebusuku, phambi kwenkonzo, ndiya phezulu phaya.” Babengabantu abangamahlwempu, saza sabenzela ingobozi yezinto ezityiwayo, ukuba sizise kubo. Ke ndathi, “Ndifuna ukuba nina nonke nihambe, kwaye xana ndisiya phaya. Kwaye nijikele ngendlu. Kwaye xana ndifikayo kuloo ndawo, apho loo ndlu ikhoyo, nikhangele kwaye nibone ukuba olo sana luncinci alunakuba lunqumleza emgangathweni na, ngendevu encinci eyenziwe *apha*, apho belusela khona ubisi lwetshokoletshi okanye into ethile. Yabona? Kwaye lubeke izandla zalo kwezam, kwaye luthethe la mazwi, ‘Mzalwana uBill, ndiphile ngokugqibeleleyo.’ Olu sana luneminyaka emithathu ubudala. Nikhangele kwaye nibone ukuba oko akwenzeki na.”

⁸³ Inkosikazi yam ngoku, uMeda, kude ngaphambi kokuba sitshate, ke wayekwelo gquba. Kwaye ilori ezeleyo yaya baza bazihlalisa ngeenxa zonke zendlu, yabona, ukuba bandibone xana ndandiqhuba ilori endala yeNkonzo yeNkapani yoLuntu leyo endandinayo ekhaya ngobo busuku. Ndingenayo inqwelo mafutha ekuyeyam. Izele yitela ngasemva, nezinto, uyazi, apho bendiyirhuqa khona ngaloo mini, kwaye ndilungisa izinto. Ndayiqhubela ngaphambili, ndayimisa. Ndenyukela evarandeni; ndankqonkqoza ecangweni. Kwaye babengenazo iiragi kumgangatho omncinci omdala. Kwaye umama weza enqumleza emgagathweni, wathi, “Ngokuba, nguMzalwana uBill,” ngolo hlobo. Kwaye abantu babekhangele ezifestileni, ngelo xesha, ukubona ukuba kuya kwenzeka ntoni na.

⁸⁴ Kwaye ekoneni, kudlala, yayi yile nkwenkwe incinci, kusuku lwesithathu. Ndema, andizange ndithethe kwagama. Kwaye

yeza, ihamba hamba emgangathweni, yabeka izandla zayo ezincinci phezulu kwezam. Nge. . . Yayisela ubisi lwetshokoletshi, indevu yayo encinci, njenge, ukunqumleza *phaya*, ukusuka kubisi lwetshokoletshi. Yabeka izandla zayo phezulu kwezam, yathi, “Mzalwana uBill, ndiphile ngokugqibeleleyo.” Huh!

⁸⁵ Ngobo busuku, enkozweni, ndayibalisa. Ndathi, “Kukho intombazana esisiqhwala, ndaweni ithile, leyo isweleyo.” Ndathi, “Bandla, andazi ukuba ezi zinto zithetha ukuthini na. Andinakunixelela.”

⁸⁶ Kwaye—kwaye ke ndandisebenza kwiNkonzo yoLuntu. Kwaye ndikhumbula ngenye imini, malunga neveki emva koko, ndaqalisa ukushiya isakhiwo, ndaphumela phandle. UMnu. UHerb Scott, uphila apha esixekweni kanye ngoku, wayengumphathi wam. Kwaye wathi. . . Ndaqalisa phantsi. Wathi, “Billy?”

Ndathi, “Ehe.”

Wathi, “Ngaphambi kokuba uhambe, ndine ncwadi yakho apha.”

Ndathi, “Kulungile, Herbie. Ndiya kuyithabatha emzuzwini nje.”

⁸⁷ Kwaye—kwaye ke ndaya ngaphaya ukuya kufumana omnye umsebenzi wam, ndandikhangela. Ke ndaya ngaphaya ukuya kwenza omnye umsebenzi wam. Kwaye xana nda—ndakwenzayo oko, ndakhumbula laa ncwadi. Ndaya ndaza ndayithabatha, ndayivula. Kwaye yathi, “Mnu. Branham othandekayo,” yabona, yathi, “igama lam ndinguNail. NdinguNksk. U-Harold Nail. Siphila kwindawo ebizwa ngokuba yiSouth Boston.” Kwaye wathi, “SingamaWisile, ngokholo. Kwaye kwenzeka ndafunda incwadi encinci leyo uyibhalileyo, ebizwa ngokuba *UYesu Kristu Ikwanguye Izolo, Namhlanje, Naphakade*, incwadana encinci. Kwaye sasinomhlangano womthandazo endlwini yethu, ngobunye ubusuku. Kwaye sasivile ngawe ukuba unempumelelo, ekuthandazeleni abagulayo.” Kwaye wathi, “Ndinentombi exhwalekileyo, eneminyaka elishumi elinesihlanu ubudala,” wathi, “leyo ilele kumandlalo wenkxwaleko. Kwaye ngandlela ithile, andikwazi nje ukuyisusa engqondweni yam, ukuba ndimelwe kukuba uze kuthandazela le ntombazana. Unganceda uyenze lonto? Owakho ngokwenene, uNksk. U-Harold Nail. ESouth Boston, e-Indiana.”

Ndathi, “Uyazi, leyo yilaa ntombazana. Yiyo leyo.”

⁸⁸ Ndaya ekhaya, ndaxelela umama wam, ndabaxelela malunga nayo. Ndathi, “Leyo—leyo yintombazana.” Kwaye ngoko ngobo busuku, enkozweni, ndathi ebandleni. Ndathi, “Apha yilaa—yilaa—yilaa—yilaa ndawo.” Ndathi, “Ingaba kukho nabani na uyaziyo apho iSouth Boston ikhoyo?”

⁸⁹ Kwaye uMzalwana uGeorge Wright, nonke niqhelene naye, wathi, “Mzalwana uBranham, ise...Ndicinga ukuba izezantsi eMazantsi.”

⁹⁰ Ke kusuku olulandelayo, abahlobo bam ababini, kunye nenkosikazi yam, leyo ngoku ikhoyo, kunye nendoda nenkosikazi yayo abavela eTexas. Na...igama labo lalinguBrace, u-Ad Brace. Uphila apha ezantsi ngoku, ezantsi kweMilltown, umfama. Wayengumfama ngaphandle eNtshona. Kwaye wafudukela apha ukuba abe kufutshane nenkonzo. Kwaye ndandithandazele inkosikazi yakhe, kwaye yayiphilisiwe kwimeko yesifo sephepha. Kwaye ke wayefuna ukubona oku kusenzeka. Ndathi, “Hamba nam, kwaye ubone ukuba akwenzeki nje kanye ngale ndlela.” Ke inenekazi lalingekaze lawubona umbono, uNksk.—UNksk. UBrace. Ke unkosikazi wam wahamba nam. Kwaye uMzalwana uJim Wiseheart, wakudala omdala, niyamkhumbula, kwibandla phaya, idikoni elidala, wayefuna ukuwubona. Nje ndandine ncinci, endala inqwelo mafutha evuleke umntla, kwaye ndabafumba bonke phaya.

⁹¹ Kwaye saya ezantsi kwaseNew Albany. Kwaye ndafumana olu phawu, ndaza ndafumanisa ukuba, yayingeyoSouth eBoston. YayiyiNew Boston. Ke ngoko ndandingazi ukuba ndiye phi, ke ndabuyela phezulu eJeffersonville ndaza ndabuza umntu othile. Kwaye umntu othile waya eposini, bathi, “ISouth Boston iphezulu ngentla kweHenryville.”

⁹² Ke nde—ndenyuka ndaya eHenryville, ndaza ndabuza phaya. Kwaye bathi, “Jika *ngale* ndlela. Yayimalunga neshumi elinesihlanu leemayile, emva ngaphaya kwala maqhina *apha*, uyakufumana indawo encinci. Uya kuqaphela, uya kuyiphosa,” watsho, “ngokuba yivenkile enye nje encinci. Kwaye ivenkile ineposi, yonke enye into, kuyo. ISouth Boston, ngaphaya kula maqhina.” Kukho ishumi elinesixhenxe lamawaka lomlinganiso waloo maqhina phaya, uyabona. Kwaye oku kungasemva ngaphaya kwawo, ezindulini phaya.

⁹³ Ke sahamba saqhubeka, sikhwela njalo. Kwaye konke ngaxeshanye, ndaziva ngokungaqhelekanga ngenene, emveni kokuba bendiqhuba, iimayile ezintlanu okanye ezintandathu, ndaziva ngokungaqhelekanga ngenene. Ndathi, “Andazi.”

Bathi, “Yintoni ingxaki?”

⁹⁴ Ndathi, “Ndiyakholwa ukuba—ukuba Lowo uthetha kum, ufuna ukuthetha kum, ke kuya kufuneka ukuba ndiyishiye inqwelo mafutha.”

⁹⁵ Ke ndaye ndaphuma kwinqwelo mafutha. Kwaye abafazi behleli emathangeni abafazi, uyazi, nayo yonke into, kulaa nqwelo mafutha ivuleke umntla incinci indala. Kwaye ndaphuma kwinqwelo mafutha, ndaza ndajikela emva kwenqwelo mafutha. Kwaye ndathobisela intloko yam

phantsi, ndabeka unyawo lwam phezulu kwibhampa, ngasemva kwenqwelo mafutha. Kwaye ndathi, “Bawo oseZulwini, yintoni Ubuyakuthanda ukuba umkhonzi Wakho ayazi?” Kwaye ndathandaza. Akukho nto yenzekayo. Ndalinda imizuzu nje embalwa. Kwaye ndacinga, “Ke, Yena . . .” Ngokwesiqhelo apho kukho isihlwele esilolo hlobo, kufuneka ndizahlule. Kwaye ke ndalinda imizuzu nje embalwa.

⁹⁶ Kwenzeka ukuba ndibe nokutsaleka, ndakhangela ngaphaya. Kwenzeka ukuba ndicinge, “Ke, khangelana apha, nantsi laa nkonzo indala ihleli apha ezantsi.” Kwaye ukuba wakha wabase . . . YiBunker Hill Church. Kwaye ndakhangela ngaphaya ecaleni, iBunker Hill Christian Church, kwaye kwakukho amatye engcwaba wendawo yokungcwabela, kanye phambi kwendlu yenkonzo.

⁹⁷ Kwaye ndaya ngaphaya. Ndathi, “Ngoku nonke fumanani abo banobumba.” Andizange ndibe kwelo lizwe ngaphambili, ebomini bam. Andizange ndibe ngentla phaya, naphi na, ebomini bam. Kwaye ndathi, “Nifumane loo magama namanani kwaye nize apha, nibone ukuba oko akuyonto inye na nako oku kukweli litye lengcwaba.” Kwaye nantso apho yayikho, nje ngokuchanekileyo kanye. Ndathi, “Yiyo leyo. Sisendleleni eyiyi ngoku.” Ndathi, “Leyo yayiyiNgelosi yeNkosi.” Yabona, ndadlula kanye ngakulo, kwaye ndingalazi. Ke, owu, Ugqibelele.

⁹⁸ Kwaye ke sakhwela saqhubela phambili. Ngokuthe ngqo ndahlangana nendoda, kwaye ndathi, “Ungandixelela ukuba iphi iSouth Boston, mhlekazi?”

⁹⁹ Yathi, “Ubaleke uye ekunene nasekhohlo,” uyazi, njalo njalo ngolo hlobo. Kwaye saqhubeka sahamba.

¹⁰⁰ Ke emva komzuzwana, sangena kwi, ndaqaphela, ndangena endaweni encinane. Kwaye yayinohlobo oluthile lwelali encinci, enjalo. Kwaye nda—ndakhangela. Ndathi, “Yiyo le. Yiyo le, kanye phaya.” Ndathi, “Phaya kukho i . . . Phaya, nantsiya laa venkile ilubhelu ngaphambili.” Kwaye ndathi, “Ngoku, nikhangele. Indoda iya kuphuma phaya, inxibe ii-ovaloli eziluhlaza, ikhodroyi emhlophe . . . okanye ikepusi yekhodroyi elubhelu, enendevu emhlophe, kwaye indixelele ukuba ndiye phi na. Ukuba akunjalo, ndingoyena mbalisi wamabali mkhulu.”

¹⁰¹ Kwaye ke bonke babelindile. Kwaye—kwaye ndaqhuba ndenyuka, phambi kwalendawo. Kwaye kanye njengokuba ndiqhuba ndinyuka, ngaphambili, kwaphuma indoda enxibe isuti ye-ovaloli eluhlaza, kunye nekepusi yekhodroyi elubhelu, nendevu emhlophe. Kwaye uNksk. U-Brace waquleka kwinqwelo mafutha, ewubona usenzeka, ngolo hlobo.

Ndathi, “Mhlekezani, umelwe kukundixelela apho uHarold Nail akhoyo.”

Yathi, “Ewe, mhlekazi.” Yathi, “Ingaba nivela eMazantsi?”

Ndathi, “Ewe, mhlekazi.”

102 Yathi, “Niyidlulile. Malunga nesiqingatha semayile ezantsi endleleni, nijike, kwindlela yokuqala eya ngasekhohlo. Ninyuke, kwaye niyakufumana ished i enkulu ebomvu, kwaye nijike kanye phaya kulaa shedi ibomvu.” Yathi, “Yindlu yesibini ngasekunene kwakho, njengokuba ujika unyuka laa mgca mncinci unje ngendlela.”

Ndathi, “Ewe, mhlekazi.”

Yathi, “Ngokuba?”

Ndathi, “Unentombi exhwalekileyo. Ingaba akanjalo?”

Yathi, “Ewe, mhlekazi. Unayo.”

103 Ndathi, “INkosi iya kuyiphilisa.” Kwaye indoda enkulu yaqalisa ukulila. Yabona? Ayizange yazi. Kwaye ke yayibandakanyiwe embonweni. Ayizange yazi ukuba yintoni eyayiqhubeka.

104 Ndajika. Safumana uNksk. UNail eluhlobo oluvuselelekileyo kwakhona. Kwaye sanyukela phaya, saya kungena phezulu eyadini. Saphuma kwinqwelo mafutha, saqalisa ukungena. Saqalisa indawo ukuya kwi. . . uyazi, ukuya kwindawo apho waye khona. Kwaye kweza umfazi oselula onomzimba omkhulu emnyango. Ndathi, “Nanko apho akhoyo.” Yabona?

Kwaye ngoko wathi, “Ninjani?”

Kwaye ndathi, “Unjani?” Ndathi, “Ndi—ndinguMzalwana uBill.”

105 “Owu,” wathi, “Ndi—ndi—ndiye ndacinga ukuba unguye.” Wathi, “Uyifumene incwadi yam?”

Ndathi, “Ewe, nkosazana, ndiyifumene.”

Wathi, “NdinguNksk. UHarold Nail.”

106 Ndathi, “Ke, ndiyavuya ukukwazi, Nksk. uNail. Kwaye eli liqela nje elincinci elize nam, ukuza kuthandazela intombi yakho.”

Wathi, “Ewe.”

Ndathi, “Ilungiselela ukuphiliswa.”

107 Wathi, “Intoni?” Yaza imilebe yakhe yaqalisa ukungcangcazela. Waqalisa ukulila.

108 Ndathi, “Ewe, nkosazana.” Kwaye a—andazi; andizange ndema kulomfazi.

109 Ndahamba ndehla ngehlo, kwaye iqela lam lindilandela. Xana ndavula umnyango ngasekunene kwehlo, enkulu, endala, yasemaphandleni ekhaya, ndavula umnyango, kwakukho alubhelu eendaba- . . . okanye amaphepha alubhelu eludongeni, imifanekiso ebomvu; umqondiso, “Thixo sikelela ikhaya lethu;” ibhed i endala yobhedu; isitofu serhasi sihleli ngasekhohlo

kwam. Kwaye kukho ibhedana encinci ihleli phaya, kunye nalentombazana ikhangeleka njengenkwenkwe ilele kuyo.

¹¹⁰ Ngoku into ethile yenzeka. Ndandiphezulu ekoneni yegumbi, ndibukele umzimba wam usiya kula bhedi. Kwaye ndabeka izandla zam ukunqumleza isisu sayo, kanye ngale ndlela iNkosi yatsho ngayo. Kwaye xana ndakwenzayo oko, xana uNksk. UNail wangena egumbini waza wayibona loo nto, wehla waya emgangathweni, kwakhona, waquleka. Uluhlobo lomntu obuthathaka, kwaye waquleka emgangathweni, kwakhona. Kwaye uMzalwana uNail wayezama ukuncedisana naye. Kwaye uMzalwana uJim omdala emi phaya, esithi, “Mayisikelelwe iNkosi,” ebambe izandla zakhe kunye, ukuba beniyazi indlela aweye senza ngayo. Ke ngoko ndakhangelala kuloo nto, ndaza ndayibona loo nto.

¹¹¹ Kwaye ndabeka izandla zam phezu kwayo, okanye ukunqumleza isisu sayo, ngolu *hlobo*. Ndathi, “Nkosi, ndikwenza oku ngokomyalelo wokuba, oko endicinga ukuba yiyo, uThixo andixelela ukuba ndiyenze.” Kwaye malunga neloo xesha, waqalisa ukulila, waza waxhumela phezulu.

¹¹² Kwaye babesandula kumisa uNksk. UNail ngeenyawo zakhe. Wayesele evukile, ukusuka kuxinzelelo lwakhe lokuquleka.

¹¹³ Kwaye xana intombazana yatsibayo ukusuka ebhedini, nako kwenyuka umlenze wempahla yayo yokulala emlenzeni wasekunene, kanye nje ngendlela leyo eyathi yaboniswa ngayo embonweni. Kwaye kwakukho elaa dolo lingqukuva lentombazana, endaweni yenkwenkwe.

¹¹⁴ Kwaye waya phantsi uNksk. UNail, kwakhona. Yabona? Waquleka. Eso yayisisihlandlo sakhe sesithathu sokuquleka.

¹¹⁵ Yaza loo ntombazana yaphuma phaya, kwelaa gumbi. Kwaye yangena egumbini layo lokunxibela, ilila, yaza yanxiba ingubo yayo ende, yabuya yeza ihamba, ikama iinwele zayo. Ngesayo . . . ngeso singxwe- . . . Kwaye esayo—esinye isandla sayo sasingxwelerhekile, kananjalo, kwicala langasekunene. Ikama iinwele zayo ngeso sandla singwelerhekileyo.

¹¹⁶ Itshatile, inegquba labantwana. Igama layo, andilazi ukuba igama layo lingubani ngoku. Kodwa abakwaNail, nabani na angakuxelela, uHarold Nail.

¹¹⁷ Kwaye ukuba imibono iyinyani. [Indawo engenanto eteyiphini—Mhl.] Ndingakubeka oko kwaye ndikuse kubantu abo abayakwenza umqulu weencwadi wezinto ezinjalo ezenzekileyo. Ngoku, leyo yinyani, Mzalwana uVayle.

¹¹⁸ Ndiya kusilela; Ndingumntu. Ndisilele, nje indawo yokuqala, kwaye ndisesona silusizana isibambiso ekubeni ngumkhonzi kaKristu. [Indawo engenanto eteyiphini—Mhl.]

¹¹⁹ [UMzalwana uVayle uthi, “Pela uMerrell?”—Mhl.] M-e-r-r-e, ul uphindwe kabini. [“Bendicinga ukuba bekunjalo

ezantsi phaya. Ehe.”] Ingaba oko kukuphelela koko kukhoyo, abangoku? [“UNail yayingu N-e-i-l?”] N-a-i-l. [“UBrace, B-r-a-c-e?”] B-r-a-c-e, u-Ad, u-Ad Brace. [“Ngoku ndicinga ukuba ndibafumene bonke. Umzuzu nje. UGraham Shelling?”] UGraham, G-r-a-h-a-m. [“Lowo ngu ‘n’ phaya.”] S-n-e, uluphidwe kabini, i-n-g. [“Owu, uSnelling. Ngoku silifumene.”]



60-0930 Imibono KaWilliam Branham
e-Campaign Office
e-Jeffersonville, e-Indiana U.S.A.

XHOSA

©2025 VGR, ALL RIGHTS RESERVED

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org

Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangeli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS

P.O. Box 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.

www.branham.org